Igama lam nguKhanya. Madikubalisele ngobomi bethu basefama. Ubomi endibuthandayo.





Ifama yasekhaya yifama yemfuyo. Inezindlu ezine ekuhlala kuzo usapho lonke. Sihlala kamnandi, siyapheka, sitye, sihleke sonwabe. Izilwanyana ezifuyiweyo kwifama yasekhaya ziinkomo, iigusha, iibhokhwe, iihagu, iinkukhu, amadada namarhanisi.

Ezona zilwanyana ndizithandayo ziinkomo kuba zisinika ubisi olwenza amasi amnandi. Ubulongwe nabo sibufumana ezinkomeni. Ukanti nomgquba esiwuthengisela iifama zemifuno ezisirhangqileyo siwufumana kwakwezi nkomo.





Iibhokhwe ezikhoyo kwifama yethu sizithengisela abantu abenza amatheko ngeempela veki. Ukanti iigusha nazo sizithengisela izilarha zasedolophini. Iinkukhu zona zifuyelwe amaqanda neentsiba zazo.

Owam umsebenzi kukuqokelela amaqanda xa iinkukhu ziqandusele. Ubhuti omdala nguye ohambisa imfuyo ethengiweyo. Maxa wambi uyandivumela ndihambe naye ingakumbi xa esiya edolophini ezakubuya nezinto azithunyiweyo, nokuba yigrosari okanye amayeza emfuyo.



Xa ndimdala ndifuna ukwazi ukutofa imfuyo nokuncancisa amatakane. Yonke imihla ndifunda lukhulu kwifama yemfuyo yasekhaya.